

Imozulu yam yangaphakathi












Jen Thorpe
Lara Berge
Emma Beckett

**Imozulu yam
yangaphakathi**

Le ncwadi yeka







bookdash.org

Every child should own a hundred books by the age of five. To that end, Book Dash gathers creative volunteers to create new African storybooks that anyone can freely print, translate and distribute. Then we work with partners to give those books to preschool children to own.

To find out more, and to download beautiful, open-licensed, print-ready books, visit bookdash.org.

Imozulu yam yangaphakathi

(My inside weather)

Illustrated by Lara Berge

Written by Jen Thorpe

Designed by Emma Beckett

Translated by Sindi Mbokodi

with the help of the Book Dash participants in Cape Town on 2 December 2017.

ISBN: 978-1-997425-26-7


Typeset in Crimson Text and Lato

This work is licensed under a Creative Commons Attribution 4.0 Licence
(<http://creativecommons.org/licenses/by/4.0/>).

You are free to share (copy and redistribute the material in any medium or format) and adapt (remix, transform, and build upon the material) this work for any purpose, even commercially.

The licensor cannot revoke these freedoms as long as you follow the following license terms:

You must give appropriate credit, provide a link to the license, and indicate if changes were made. You may do so in any reasonable manner, but not in any way that suggests the licensor endorses you or your use. No additional restrictions: You may not apply legal terms or technological measures that legally restrict others from doing anything the license permits.



Jen Thorpe
Lara Berge
Emma Beckett

Kulula ukuthetha
ngemozulu engaphandle,
nokuba itshintsha rhoqo.



Kodwa kunzima ukuthetha
ngemozulu engaphakathi kum.
Ngamanye amaxesha kuvakala ngathi
abantu abaqondi.



Ingaba nawe uvakalelwa
ngaloo ndlela?



Ngezinye iintsuku ingqondo
yam izele ukukhanya kwelanga,
neminyama. Ndiziva ngathi
ndingenza nantoni na.



Ngezinye iintsuku intloko yam
izele yinkungu namafu. Kunzima
ukumamela into ethethwa ngabantu
okanye ukukhumbula izinto.



Ngamanye amaxesha ndivuka
ndiziva ngathi kuyagqutha kwaye
kunoqhwithela entlokweni yam.
Ndiziva ndidiniwe yaye ndikruqukile.





Yaye ngamanye amaxesha kuvakala
ngathi kuyana ngaphakathi kwam.
Ingangumkhwetsho ondenza
ndizive ndilusizi, okanye uqhwithela
olundenza ndizive ndinomsindo.



Ngamanye amaxesha imozulu
yam yangaphakathi ayihambelani
nemozulu yangaphandle.



Ngamanye amaxesha imozulu yam
yangaphakathi ayihambelani nendlela
endifuna ukuvakalelwa ngayo okanye
indlela endicinga ukuba ndimelwe
ukuba ndivakalelwe ngayo.



Ingaba kulungile oko?

Ewe, kunjalo.



Eyona nto ilungileyo esinokuyenza
xa sisiva ukuba imozulu yethu
yangaphakathi ayiqhelekanga
kukuxelela umntu esimthandayo,
kwaye sithethe ngayo.



Nabo ngokunjalo banemozulu
yangaphakathi, ngoko ke
baya kuqonda.



